

Unxibelelwano oluvela kwintlanganiso yeBhunga ebibanjwe ngoMvulo we19 Juni

Uluvo olungundoqo emva kwentlanganiso yesibini yeBhunga leSU yalo nyaka ngoMvulo we19 kaJuni yayikukuba, njengeziko lemfundo, iYunivesithi isendleleni yokuphumeza uxanduva lwayo lwezemfundo, nangona kukho imingeni enzima elijongene nayo icandelo lemfundo ephakamileyo kungoku nje.

Iingxelo zolawulo ezithiwe thaca kwintlanganiso zalatha ekungeneni kweSU kwinqanaba lophando lezizwe ngezizwe nasekuzilungiseleleni ukuba ibe nefuthe elingaphezulwana entlalweni kule mo eza neengxaki zokungazinzi kwenkxaso-mali yabafundi kunye nokudodobala kobonelelo ngombane esizweni. Oku kushiye iBhunga linemvakalelo yokuzimisela kunye nokomelela okungengqingqwa okulungele ikamva elihle leyunivesithi yethu.

Unyulo lukasekela-sihlalo weBhunga

Kule ntlanganiso, uMnumzana Jannie Durand, umphathi oyintloko weRemgro, wonyulwa njengosekelashlalo weBhunga. UJannie usebenze kwiBhunga iminyaka emininzi kwizikhundla ezininzi, kubandakanywa neKomiti eLawulayo kunye neKomiti yoPhicothozincwadi kunye neKomiti yeMingcipheko. Ndikulindele ukusebenzisana naye kakuhle kakhulu kule ndima intsha.

Abatyunjelwe kwiBhunga

iBhunga likwatyumbe uBertina Engelbrecht njengelungu elitsha. Ngoku uBertina ungumphathi oyintloko weqela leClicks Group. Uligqwetha ngoqequesho, kwaye izidanga zomthetho wzifumana kwiyunivesithi yaseNtshona nakweyaseKapa waza wagqiba inkubo yoPhuhliso loLawulo kwiSikolo soShishino saseStellenbosch. Uza kujoyina iBhunga ukususela ngomhla woku1 kuSeptembra.

Sithi ndlelantle kuMasilo Silokazi kunye noPhiwokuhle Qabaka, abazibeka phantsi iintambo kwiBhunga xa sele kuphele ixesha labo lokumela iStudents' Representative Council (SRC). Bobabini benza igalelo elibalulekileyo kwiingxoxo zeBhunga, kwaye sizimisele ukusebenzisana nabo balandelayo.

Iingxelo zolawulo

Kwingxelo yakhe yolawulo, uRector kunye noSekela-Tshansela uProf Wim de Villiers ugxininise uluhlu lweempumelelo ezibalulekileyo kunye nempumelelo ethe yanegalelo ekukhuleni kweprefayili yeSU kwizizwe ngezizwe kunye nokuma kwayo.

Enye yeempumelelo eziqaphelkayo ibe kukudalwa kweqela eligqwasileyo phantsi kwebhanile yeAjenda yeManyano yeAfrika neManyano yaseYurophu ngokudibeneyo, nekhokelwa yiAfrican Research University Alliance kunye neGuild of European Research Universities. Phantsi kweli nyathelo, iSU iya kukhokela kwaye ikhokelengokubambiseneyo amaqela ajongene nogqweso gqwesileyo kwijinomiki yezempilo e-Afrika, izisombululo ezisekelwe kwindalo zokutshintsha kwemozulu, amandla avuselelekayo, ubukrelekrele bokwenziwa, isayensi yedatha, kunye nokucinga ngokwethiyori kunye nokubala. Ngaphezu koko le, Yunivesithi iliqabane kwiqela logqweso elijongene nentlanganisela yezifo nelikhokelwa kwangaxeshanye yiYunivesithi yaseGhana neyaseWarwick.

Oku kulandela emva komnye umcimbi obalulekileyo - ukuvulwa kweZiko lezoPhando lweBiomedical Research Institute (BMRI) elikwikhampasi yeSU eseTygerberg ngoEpreli. Eli ziko likumgangatho wehlabathi aliyi kuba yindawo yophando oluyilayo kuphela

kweyona mingeni icinezela uluntu olujongene nayo, kodwa iya kuba likhaya leengondi ezikhokelayo zaseAfrika kuwo wonke umhlaba omkhulu wophando lwebhayoloji. Ndibe novuyo olukhulu lokuthatyathwa ndijikeleze eli ziko limangalisayo nguNjing Elmi Muller, intloko yeFakhalthi yezoNyango neSayensi yezeMpilo, kanye noogxa bakhe kwiveki ephelileyo.

Ngaphezu kokuqaqambisa impumelelo yale yunivesithi uNjingalwazi uDe Villiers ukwanike ingqwalasela kwimingeni engxamisekileyo kweli candelo, ingakumbi ukungoneli kwenkxaso ebonelelwa yiNational Student Financial Aid Scheme (NSFAS) kubafundi abafanelekileyo beNSFAS (neziphumo ezimandundu kwimpilo yabo yemihla ngemihla nakwindawo yokuhlala), kanye noloyikiso oluzayo lwamaxhesha awandisiweyo kacimicimi. Abalawuli bazibandakanye ngokunzulu kuyo yomibini le miba..

Ngokubhekiselele kucimicim, iGosa eliyiNtloko lezeMisebenzi uNjing Stan du Plessis unike isishwankathelo esibanzi samanyathelo aphunyeziweyo ukuthomalalisa imingcipheko eyayanyaniswa nayo kanye nokubonelela ngenkxaso kubafundi nabasebenzi ngexesha loxinzelelo olungazange lubonwe ngaphambili. Kwangaxeshanye, iBhunga lacetyiswa ngezicwangciso zokukhupha izisombululo ze-photovoltaic kuzo zonke iikhampasi zethu kwixesha elifutshane neliphakathi.

UNjing Nico Koopman, uSekela-Sekela-Tshansela kwiMpembelelo yeNtlalo, iNguqu kanye naBasebenzi, ungenise ingxelo yonyaka yeziko lakhe loxanduva, ethe yanika ukukhanya, phakathi kwezinye, inkqubela eyenziweyo ekukhuthazeni inguqu enentsingiselo kule Yunivesithi. Inkcazontetho yakhe ixhaswe ngokufanelekileyo luhlaziyo lukaNjingalwazi Aslam Fataar ngomsebenzi weKomiti yeMpendulo yeZiko kwiiNgcebiso zeKomishoni kaKhampepel (CIRCoRe). Umsebenzi weCIRCoRe uqhuba kakuhle kwaye umele inyathelo elibalulekileyo eliya phambili ekuqhubeni utshintsho.

UGq Antoinette van der Merwe, umlawuli ophezulu wokuPhuhliswa kokuFundisa, wabelane neBhunga ngenkqubela phambili ebalulekileyo eyenziweyo kusetyenziso lweelwimi ezininzi eSU. Oku kuquka indibano yocweyo yowlimi yakutshanje yeenkokeli zabafundi equuzelelwe liZiko leeLwimi, aphi kwacaciswa khona uMgaqonkqubo weelwimi weYunivesithi kanye noko kuchazwa nguwo. Ngokujolisa ekujongeni phantsi imiba enxulumene nolwimi, indibano yocweyo ijolise ekubetheleleni ukuqonda okunzulu kanye nokuxabisa iyantlukwano yeelwimi kuluntu lwale Yunivesithi.

Okokuggibela, uNjingalwazi Hester Klopper, uSekela-Sekela-Tshansela kwiQhinga, ezeHlabathi nezeKomkhulu, unikezele ngezalathi ezicetywayo eziza kusebenza njengekhadi lamanqaku lika2023/24. Ikhadi lamanqaku sisixhobo esibalulekileyo esinika iSU indlela ecwangcisiweyo yokuvavanya ukusebenza kweziko kanye nolawulo, ukulungelelanisa imisebenzi yeziko, ukuqhuba uphuculo oluqhubekayo, ukukhuthaza ukuphendula, kanye nokukhuthaza ukwenziwa kwezigqibo ezinolwazi. Ikhadi lamanqaku lika2024 liya kuvunywa kwintlanganiso yokuggibela yeBhunga ngowama2023.

Ingxelo yeKomiti kaLewis

iBhunga lilindele ingxelo evela kwiKomiti kaLewis echongelwe ukuphanda izityholo zokukhetha izalamane malunga nokuqesha ngokwentando kaRekhthar, ngokukodwa malunga nokuqeshwa kwezalamane.

Amagqabantshintshi okuqukumbela

Le ntlanganiso igxininise ukuzibophelela kwale Yunivesithi ekudaleni iyunivesiti ephambili yaseAfrika kuphandonzulu, evunywa kwihiabathi jikelele njengegqwasileyo, ebandakanyayo kanye nentsha, aphi siqhubela phambili ulwazi kwinkonzo yoluntu. Lo ngumzamo wokuziphendulela ofuna incoko enyanisekileyo, utsyalomali olubalulekileyo



kunye nokugxila okuzinzileyo. Sinethamsanqa elinjani ke ngoko ukuba sinabo abachaphazelekayo abazinikeleyo. Liziko lethu elixabisekileyo kunye nabafundi bethu kuphela abanokuzuza kule nto.

Gqr Nicky Newton-King

USihlalo weBhunga leYunivesithi yaseStellenbosch